# Ungangeni!

Ibhalwe nguMargot Bertelsmann
Imizobo nguNatalie noTamsin Hinrichsen

Indlwana kaLuke isemazantsi egadi. Yakhiwe ngamaplanga kwaye ineefestile zeglasi zokwenyani. UMama uyigcina phaya iharika yakhe asebenza ngayo egadini. Isoka likaMama, umalume uTrevor uzigcina phaya iitreyi zakhe zezithole, zokutyala imifuno.

Kodwa bobabini barenta nje indawo. Le shedi yekaLuke yedwa. Uzigcina phaya zonke iimfihlo zakhe. Kwenye ishelufu, udwelise zonke iibhloko zakhe zokwakha kunye neemilo zokusebenza. Ekoneni kukho ingxowa yamabhastile. Kukho indawo kaSally, inja kwenye ikona phezu kwenye yeengubo ezindala zikaLuke.

Elucangweni uLuke wenza uphawu: UNGANGENI! Bonke abantu kufuneka bacele imvume xa befuna ukungena kule shedi, ngaphandle kukaLuke noSally. Ikakhulu, bonke abantu bayakuthobela oku – ngaphandle kukabhuti wakhe, uFelix.







"Luke, into yokuwola ituwa yenja iseshedini," utsho uMama. "Ndingayoyithatha?"

"Ndiza kuyoyithatha!" atsho uLuke.

"Nantoni na onokuyenza, mna ndingayenza ngcono," utsho uFelix, kodwa oko akuyonyani. ULuke ucoca yonke ituwa yenja, yedwa jwi.

UTrevor udinga ipetroli yomashini wokucheba ingca. Nayo uyigcina kwindawo kaLuke. "Ndiza kuyilanda!" ukhwaza  atsho uLuke.

Uphuma nenkonkxa yokuphatha ipetroli, aze uTrevor ambonise ukuba umashini wokucheba ingca ugcwaliswa njani. UTrevor utsala intambo, kanye, kabini, kathathu. Udume! Vruuuu. UTrevor uvumela uLuke ukuba achebe indawana enengca emva kokuba enxibe iiteki zakhe, ngokunokwakhe.

UFelix naye ufuna elakhe ithuba. "Jonga ndichebe ingca engakanani," uqhayisa atsho. "Yaye ndenze ngcono kakhulu kunawe."

Ubuso bukaLuke bubomvu ngumsindo.

UFelix unesithukuthezi. Uhamba ayotsho emnyango weshedi. "Ndiyangena," achaze. Akankqonkqozi nokunkqonkqoza.



UTrevor ajonge kuMama. UMama asuke abhedulule amehlo akhe.

ULuke ulindile.

UFelix ujija umqheba wocango. Tshize!! Umanzi tixi, ukusuka entloko ukuyokutsho eluzwaneni.

Abaleke uFelix ayokuzosula atshintshe nehempe yakhe. Aphinde abuye.

"Ndiza kukufumana!" akhwaze. Ukhaba ucango. Thwaca! ULuke ubeke esinye isabatha. Into yokubetha iimpukane imthwacaza apha ebunzi.

"Shu! Ndiza kukufumana ngale nto uyenzileyo," afunge atsho uFelix.



UFelix wenza iqhinga lokuziphindezela. Kukho nto axakeke yiyo apha ngaphandle komnyango.

“Phuma Luke!”
“Ngoba?” abuze uLuke. “Ucinga ukuba nantoni na endinokuyenza, ungayenza bhetele?”
“Mhlawumbi,” atsho uFelix, ebugigitheka.

ULuke uchwechwa aphume ngefestile kwelinye icala leshedi. Uchwechwa ngesangqa esibanzi ejikeleza uFelix azokuma emva kwakhe.

“Kwowu, andiqondi ukuba oko kuyinyani,” atsho uLuke esemva kwegxalaba likaFelix esalatha kumbhalo oselucangweni.
“WENA wohlulwa nakukufunda umbhalo lo.”



Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

# Ungangeni!

Ibhalwe nguMargot Bertelsmann • Imizobo nguNatalie noTamsin Hinrichsen

## Izimvo eninokuthetha ngazo

U-Luke unendawo yakhe ekhethekileyo. Ingaba unayo indawo ekhethekileyo ekhaya? Ukuba akunjalo, ungazenzela phi eyakho?

Ucinga ntoni ngendlela abaziphethe ngayo ngokubhekisele komnye uFelix noLuke? Yintoni abanokuyenza ngokwahlukileyo?

## Umfanekiso

Zoba umfanekiso welinye lamaqhinga alenza kubhuti wakhe uLuke.

## Ukufunda

Jonga ngononophelo kumfanekiso wokuqala. Wufunde kwakhona umbhalo okula maphepha uze ufumane izinto ezizezikaTrevor noLuke emfanekisweni.

## Ukubhala

Zenzele owakho umqondiso ka "Ungangeni".

## Ubuchule

Sebenzisa ikhathuni yamaqanda njengetreyi yezithole kwaye utyale imbewu ethile kuyo. Faka iileyibhile kwimbewu ngokuzoba imifanekiso emincinci yazo zonke iintlobo zezityalo xa sezikhule ngokupheleleyo. Yincamathisele kwizinti ezincinci le mifanekiso uze uyibeke ecaleni kwembewu yayo.

## Ukwenza

Zenzele "irhontshi" ekhethekileyo onokudlala kwaye ufunde kuyo ngokubeka iingubo phezu kwezitulo. Thatha iincwadi kunye nezinto zokudlala ungene nazo kwirhontshi yakho. Beka umqondiso othi "Ungangeni" owenzileyo ngaphandle kwerhontshi yakho.